



**uRhulumente  
weNtshona Koloni**

**UBAMBISWANO NGAMANDLA.**

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## ISIBHENGZEZO SOKUFAKWA KWEZICELO ZENKXASO-MALI (IIMBONO) NGENJONGO YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO EZITHILE ZOLUNTU / ZASEKUHLALANI KWINTSHONA KOLONI KUNYAKA-MALI U-2015-2016 NANGAPHA KOKO

Simema izicelo zenkxaso-mali kwimibutho engagongwe ngeniso kwakunye neminye imibutho enokuxhamla ukuze inikezele iinkonzo ezithile zentlalo-ntle / zophuhliso loluntu ekuhlaleni egameni leli Sebe njengoko zidwelisiwe ngezantsi apha:

- **Abantwana Neentsapho:** Unonophelo Nokhuseleko Lwabantwana, Unonophelo Nenkxaso Kwiintsapho, Intsholongwane kaGawulayo/uGawulayo, Amaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha
- **Uphuhliso Lwabantwana Abaselula** kwakunye Neenkqubo Zononophelo Olungagqibelelanga
- **Iinkqubo Ezizodwa:** Ukunyangelwa Ukusebenzisa Gwenxa Izinyobisi, ukungenelela kwangethuba kwakunye neenkonzelo zasemva kononophelo, iinkqubo zononophelo lwabantu abadala kumaziko okuhlala nalawo angengawo awokuhlala, iinkqubo zononophelo kumaziko anikezela ngendawo yokuhlala kwanalawo anganikezeli ngandawo yokuhlala kubantu Abakhubazekileyo.
- **Ukuthintelwa Kolwaphulo-mthetho Eluntwini:** Iinkonzo zoluleko nezokukhuthaza, iinkqubo ezinikezelwa kumaziko okuhlala nalawo angengawo awokuhlala ngenjongo Yokomelezwa Kwamakhoba.
- **Uphuhliso Loluntu:** Uphuhliso Lolutsha, Ukuphila Ngokuzimela.
- **Ukwakhiwa Kobudlelwane:** Ukuxhotyiswa kwee-NGO Ngezakhono Zokusebenza.

Yonke imibutho, kuquka namaziko anikezela ngendawo yokuhlala kwanalawo anganikezeliyo ngayo kunyaka-mali u-2014-15, aceba ukunikezela ngeenkonzelo kweli Sebe, NAYO kufuneka ifake izicelo zenkxaso-mali.

Ezinye iinkcukacha ezibalulekileyo, eziquba obunye ubucukubhede abachazwe ngokucacileyo kwakunye neendlela zokwenziwa kwezinto kwinqanaba ngalinye lenkonzo elichazwe ngentla apha kwakunye noholo lwesicelo, zingafumaneka ngokuthi kutsalelwe le nombolo 0800 220 250 ukuze kufumanekwe eyona ofisi ikufutshane kunokufumaneka kuyo iimpepha zesicelo ngokwale website yephondo <http://www.westerncape.gov.za/dept/social-development>

**Nceda ke uqonde ukuba ziimpepha ezichanekileyo zesicelo zenkxaso-mali zonyaka-mali u-2015-16 ezifumaneka kwiSebe Lophuhliso Loluntu kuphela emazisetyenziswe.**

### Iindlela Zokufakwa Kwesicelo Kwakunye Nemiqathango esebenzayo Kwizicelo Zenkxaso-mali:

- Kufuneka imibutho ibe ibhalisile ngokwemigaqo yomthetho iNPO Act 71 ka-1997 okanye umqolo 1 weShedyuli 1 yomthetho iCompanies Act 71 ka-2008;
- Ezi ndlela zokubhalisa zichazwe ngentla apha kufuneka zibe zenziwe kutsha nje yaye kufuneka kubekho ubungqina boko obuthi buhanjisiwe nesicelo eso (oko ke kukuthi imibutho engasabhaliswanga iyakuthi ikhutshelwe ecaleni ngoko nangoko kule nkqubo);
- Ukuba isicelo eso singenkonzelo eyodwa, edinga ukuba umbutho lowo ube ubhaliswe ngokwemigaqo yomthetho othile, umbutho lowo kufuneka uze nobungqina boko ngokwemigaqo yomthetho lowo;
- Ubungqina bomsebenzi omhle wokunikezelwa kwezi nkonzo zentlalo-ntle / zophuhliso loluntu ekuhlaleni ngaphakathi kwemida yeRiphabliki yoMzantsi Afrika;
- Ngokwempepha zezicelo ezo, kufuneka kuchazwe ngokuphandle nangokucacileyo iinjongo, igalelo kunye neziphumo ekujoliswe kuzo, zifakwe kwisicelo eso, ekufuneka sona kuqala sihambelene neSicwangciso Sentsebenzo Yonyaka yeli Sebe;
- Izicelo zenkxaso-mali kukwafuneka ziquathe neengxelo zezimali eziphicothiweyo okanye eziqinisekisiweyo zombutho ofaka isicelo zonyaka-mali ongaphambili;
- Izicelo zenkxaso-mali kufuneka ziquathe inkcazo yombutho ofaka isicelo malunga neenkqubo zawo zohlolo novavanyo ze umbutho lowo uzinikele nasekubeni uyakuzithobela iinkqubo nemigaqo yangaphakathi yeli Sebe yohlolo novavanyo kwakunye neendlela namaxesha okunikezelwa kweengxelo;
- Inkxaso-mali kufuneka ifakelwe inkqubo nganye ngokupheleleyo, nokuba ithini na imida yokunikezelwa kwayo
- Izicelo zenkxaso-mali ziyakuqwalaselwa ngokwemimiselo yomgaqo-nkqubo weSebe Lophuhliso Loluntu likaRhulumente weNtshona Koloni wokunikezelwa kwenkxaso-mali kwimibutho engagongwe ngeniso (ofumaneka kule dilesi: [http://www.westerncape.gov.za/sites/www.westerncape.gov.za/files/dsd\\_policy\\_on\\_funding\\_of\\_ngos\\_march\\_2014.pdf](http://www.westerncape.gov.za/sites/www.westerncape.gov.za/files/dsd_policy_on_funding_of_ngos_march_2014.pdf))

### Iinkcukacha ezibalulekileyo:

**Usuku lokuvalwa kwakunye nexesha lokungeniswa kwezicelo zeembono yintsimbi yesine malanga ngomhla weshumi elinesibhozo kwinyanga yeKhala ka-2014**

**Izicelo kufuneka zibhalwe ngokucacileyo: Isicelo Senkxaso-mali kunyaka-mali u-2015/16 njengezicelo zenkxaso-mali ze sithunyelwe kule dilesi ilandelayo: Private Bag X9112, eKapa, 8000 OKANYE KE**

**Zisenakho nokufakwa ikwiibhokisi ezenzelwe oko kumgangatho onomnyango kwi-Ofisi kaNdlunkulu weSebe Lophuhliso Loluntu, ekwanombolo 14 kwiSitalato iQueen Victoria, Kwindlu Yomdibaniso, eKapa.**

**Akukho zicelo zifakwe ngobuxhakaxhaka bobugcisa ziyakwamkelwa.**

Ngenkxaso kulawulo nobuxhakaxhaka bobugcisa, qhakamshelana neSebe Lophuhliso Loluntu

Kule nombolo INGAHLAWULELWAYO: 0800 220 250 okanye uthumele i-email :

**Melanise Hindley  
Fiona Groenewald**

**Melanise.Hindley@westerncape.gov.za  
Fiona.Groenewald@westerncape.gov.za**